Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMETHETHO OSAYILWAYO WOLUNGISO WABANTU ABADALA [B 11B—2022] (NCOP)

IKomiti eSisigxina kuPhuhliso loLuntu yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema ababandakanyekayo kunye namaqela anomdla ukuba bazimase umanyelo-zimvo zoluntu ngoMthetho oSayilwayo woLungiso waBantu aBadala [B 11B–2022] (NCOP) oluququzelelwa njengenxalenye yoxanduva lomgaqo-siseko lweKomiti eSisigxina.

Injongo yoMthetho oSayilwayo woLungiso waBantu aBadala kukulungisa uMthetho waBantu aBadala, 2006, ukuze kufakelwe iinkcaza ezintsha; ukufakela izibonelelo ezitsha kuphononongo novavanyo lwazo zonke iinkonzo eziya kubantu abadala kwakunye nokususwa kwabnatu abadala besisiwa kwinkathalelo ekhuselekileyo yethutyana ngaphandle komyalelo wenkundla; ukuqinisa amanyathelo akhoyo oqaliso nothotyelo; ukuqalisa izilungiso zomxholo ezithile zengcaciso enkuwana; kwakunye nokubonelela nemiba enxulumene noko.

**Olu manyelo-zimvo zoluntu lulungiselelwe ngolu hlobo lulandelayo:**

**UMhla: Lwesine 3 Okthobha 2024**
**IXesha: 16:00–18:00**
**INdawo: Conville Community Hall, 1 Pienaar St, Conville, George**

**UMhla: Lwesithathu 9 Okthobha 20224**
**IXesha: 10:00–13:00**
**INdawo: Multi-Purpose Centre, White City, 41 Trichardt Road, Saldanha Bay**

**UMhla: Lwesihlanu 11 Okthobha 2024**
**IXesha: 16:00–18:00**
**INdawo: Mandlenkosi Youth Hub, 1 Ngesi Ave, Sidesaviwa, Beaufort West**

**UMhla: Lwesithathu 16 Okthobha 2024.**
**IXesha: 10:00–13:00**
**INdawo: Worcester Town Hall, 93 High St, Worcester Central, Worcester**

**UMhla: Lwesine 17 Okthobha 2024**
**IXesha: 10:00–13:00**
**INdawo: Caledon Town Hall, 22 Plein Street, Caledon**

**UMhla: Lwesihlanu 18 Okthobha 2024**
**IXesha: 16:00–18:00**
**INdawo: Chamber (sixth floor), 7 Wale Street, Cape Town**

Abantu kunye nemibutho enomdla iyakhuthazwa ukuba izimase kwaye ithabathe inxaxheba kumanyelo-zimvo zoluntu kwaye ingenise uluvo olubhaliweyo ngoMthetho oSayilwayo woLungiso waBantu aBadala [B 11B–2022] kwiKomiti eSisigxina kuPhuhliso loLuntu ukuze luqwalaselwe. Kuphela luluvo ngomxholo woMthetho oSayilwayo oluza kuqwalaselwa.

Nceda ungenise amangenelo ngoMthetho oSayilwayo kuNksz Nomonde Jamce, iGosa leMigaqo yeeNkqubo, kule imeyile: njamce@wcpp.gov.za. Iintetho ezibhaliweyo mazifike IKomiti eSisigxina kuPhuhliso loLuntu ngoLwesithathu, 23 Okthobha 2024 okanye phambi koko.

Ulwazi oluthe vetshe kunye nobume bobuxhakaxha bekhmpyutha ngoMthetho oSayilwayo woLungiso waBantu aBadala [B 11B–2022] ziza kupapashwa kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (www.wcpp.gov.za). Iikopi zoMthetho oSayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa zithecelwa.

**Sikhutshwe nguNksz WF Kaizer-Philander (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuPhuhliso loLuntu, iPalamente yePhondo leNtshona Koloni.**

151889 ayandambanga.co.za